

SA's Leading Past Year

Exam Paper Portal



You have Downloaded, yet Another Great
Resource to assist you with your Studies 😊

Thank You for Supporting SA Exam Papers

Your Leading Past Year Exam Paper Resource Portal

Visit us @ www.saexampapers.co.za



SA EXAM
PAPERS



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

IPHEPHA LESITHATHU (P3)

FEBRUWARI/MATSHI 2012

AMANQAKU: 100

IXESHA: 2½ iiyure

Olu viwo lunamaphepha ama-6.

IMIYALELO NENGACISO

1. Eli phepha linamaCANDELO AMATHATHU:

ICANDELO A:	Izincoko	(50)
ICANDELO B:	Imihlathana emide	(30)
ICANDELO C:	Imihlathana emifutshane	(20)

2. Phendula umbuzo omNYE kwicandelo ngaliNYE.
3. Bhala ngolwimi ohlolwa ngalo.
4. Qala icandelo ngaliNYE kwiphepha ELITSHA.
5. Yenza uyilo (umzekelo, imephu yengqondo, isazobe okanye idayagramu/flowu tshati/amagama angundoqo, njalo-njalo). Uyilo malubhalwe PHAMBI kokubhalwa kwesincoko. Hlela uze ufunde kwakhona umsebenzi wakho.
6. Wonke umsebenzi woyilo mawubhalwe ucaciswe ngolo hlobo. Uyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumla kulo lonke uyilo olwenzileyo.
7. Sebenzisa imizuzu engama-80 ubuncinci KWICANDELO A, imizuzu engama-40 KWICANDELO B nemizuzu engama-30 KWICANDELO C.
8. Bhala iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.
9. Nika impendulo nganye isihloko esichanekileyo.
- QAPHELA: Isihloko masingabalwa xa kubalwa amagama asetyenzisiweyo.
10. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

UBUDE BEEMPENDULO

ICANDELO A:	Izincoko – Bhala isincoko esili-190–240 amagama
ICANDELO B:	Imihlathana emide – Bhala ama-80–100 amagama
ICANDELO C:	Imihlathana emifutshane – Bhala ama-60–80 amagama

ICANDELO A: IZINCOKO**UMBUZO 1**

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo. Bhala amagama ali-190 ukuya kuma-240.

- 1.1 Unxibelelwano lwala maxesha olufana *noMXit*, *Facebook* no*Twitter* lwenza ubomi bube lula kodwa olu nxibelelwano lukwadala neengxaki. Bhala isincoko ungqine olu luvo. [50]
- 1.2 Bhala isincoko esinesihloko esithi: *Ukubaluleka nobungozi bamanzi*. [50]
- 1.3 Bhala isincoko esiphela ngala mazwi: *Ndayibona loo mini ukuba iyingxaki into yokungakwazi ukuthetha ezinye iilwimi*. [50]
- 1.4 Into endinqwenela ukuba yiyo ndakuphumelela ibanga le-12. [50]
- 1.5 Kukho uluvo oluthi abemi bamanye amazwe bathatha izithuba zemisebenzi zabemi beli. Bhala isincoko uveze ezakho izimvo ngalo mba. [50]
- 1.6 Khetha umfanekiso ube MNYE kule ingezantsi uze ubhale isincoko esinesihloko esifanelekileyo.

1.6.1



[50]

1.6.2



[50]

1.6.3



[50]

AMANQAKU ECANDELO A: 50

ICANDELO B: IMIHLATHANA EMIDE**UMBUZO 2**

Chonga umhlathana omde ube mNYE kuphela. Bhala ama-80–100 amagama (umxholo kuphela). Wubhale kwiphepha elitsha umhlathana lowo.

2.1 ILETA YOBUHLOBO

Bhalela umntwana wakowenu umbulele ngeengcebiso akunike zona ukuze uphumelele ibanga le-12.

[30]**2.2 I-OBHITSHWARI**

Kusweleke umhlobo wakho, uceliwe likhaya lakhe ukuba ubhale imbali ngobomi bomfi.

[30]**2.3 INQAKU LEPHEPHANDABA**

Inkonzo yamapolisa iyancomeka ngenxa yeendlela ezintsha abazisebenzisayo. Bhalela uMhleli wephephandaba uveze ukusebenza kwamapolisa.

[30]**2.4 INGXELO**

UbunguMmeli wabafundi besikolo sakho kwiNkomfa yabafundi ebixhobisa abafundi ngamalungelo abo nendlela yokuziphatha esikolweni. Yenza ingxelo kubafundi, kootitshala nakubazali.

[30]**AMANQAKU ECANDELO B: 30**

ICANDELO C: IMIHLATHANA EMIFUTSHANE

Chonga umhlathana omde ube mNYE kuphela. Bhala ama-60–80 amagama (umxholo kuphela). Wubhale kwiphepha elitsha umhlathana lowo.

UMBUZO 3**3.1 IKHADI LESIMEMO**


Abazali bakho baza kwenza itheko lokuvuyisana nomntwana wakowenu xa eza kuba eggiba iminyaka eli-16. Bhala ikhadi lesimemo leli theko.

[20]**3.2 IPOSIKHADI**

Bhalela iziko losasazo kwinkqubo yemibuliso, uvuyisane nabahlobo bakho abaphumelele ibanga le-12.

[20]**3.3 IZALATHISI**

Umalume wakho usuka eCape Town ufuna ukuza kuwe esikolweni eCape Academy. Malathise indlela eya eCape Academy.

**[20]**

AMANQAKU ECANDELO C:
AMANQAKU EWONKE:

20
100